Isalathiso: 20210802-4754
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: A du Plessis

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0011/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*SLES*, kuBaququzeleli boVavanyo neMviwo neeNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSafifikethi seMatriki

Isihloko: Izinto eziyimfuneko zokubhala iimviwo ezivela ezikolweni/kumaziko okubhalela iimviwo ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* nezeSatifikethi seMatriki *(SC)* zango-Oktobha/Novemba ngo-2021

1. Qho ngonyaka ngethuba lokuqhutywa kweemviwo ze-*NSC* neze-*SC*, iinqununu nabaphathi bamaziko okubhalela iimviwo bafumana ingxaki yokushotelwa zizinto zokubhala iimviwo ezithile ezisetyenziswayo xa kubhalwa naxa kufakwa iizikriphthi zeempendulo kwiibhetshi.

2. Ukwenzela ukuqinisekisa ukuba onke amaziko okubhalela iimviwo afumana izibonelelo zezinto zokubhala ezichanekileyo ezisetyenziswa kwiimviwo ze-*NSC* ne-*SC* zango-Oktobha/Novemba 2021, iCandelo loLawulo lweeMviwo likubona kuyimfuneko ukuba kunikwe isikolo ngasinye/iziko ngalinye ifom yoku-odola izinto zokubhala, eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A.**

3. Inqununu nganye/umphathi ngamnye weziko lokubhalela iimviwo uya kuba nethuba lokunika inani kanye ngqo lezinto zokubhala iimviwo eziyimfuneko ekuqhutyweni kweemviwo ze-*NSC* neze-SC zango-Oktobha/Novemba 2021.

4. Ukwenza uluhlu lwezinto ze-odolo yezinto zokubhala, iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo mabaqaphele oku kulandelayo:

4.1 **Izisongelo ezibrawuni (*brown wrappers*)** zisetyenziselwa ukufaka kwiibhetshi izikriphthi zeempendulo ngemakhishithi nganye. Imakhishithi nganye inabaviwa abayi-30 abona baninzi.

4.2 Ingxowa yeplastiki **enomtya oluhlaza *(green strip)*** isetyenziselwa ukutywina izikriphthi zeempendulo zabaviwa neencwadi zeempendulo ezonakeleyo ngesifundo ngasinye. Le ngxowa yeplastiki inokufaka izikriphthi zeempendulo ezifikelela kweziyi-90 (iibhetshi ezintathu ngezikriphthi eziyi-30). Igama lesifundo malibhalwe kwingxowa yeplastiki yaye ezi ngxowa ziya kufuneka kwiseshoni nganye eya kuba ibhalwa sisikolo/liziko lokubhalela iimviwo.

4.3 Ingxowa yeplastiki **enomtya obomvu *(red strip*)** isetyenziselwa ukubuyisa iincwadi zeempendulo ezingasetyenziswanga. Le ngxowa isetyenziswa kuphela kanye ngeveki, emva kokugqitywa kweveki yoviwo.

4.4 **Ingxowa emhlophe** enkulu isetyenziselwa ukubuyisa iingxowa ze-*SmartLock* ezimnyama ezitywiniweyo/ezitshixiweyo *(sealed/locked black Smartlock bags*) ezinezikriphthi zeempendulo yaye zinako ukufaka ingxowa ye-*Smartlock* epakishwe ngokuzeleyo enye, ubuninzi. Ingxowa ye-*Smartlock* emnyama enye inokufaka izikriphthi zeempendulo eziyi-160 ezizezona zininzi.

4.5 **Iphetshana lokuthunyelwa kweepasile lekhuriya *(courier waybill*)** lisetyenziselwa ukurekhoda zonke iinkcukacha zokusiwa kweepasile. Ubungakanani bamaphetshana okuthunyelwa kweepasile ekhuriya neelebhile/nezitikha zokulandelela iipasile ezinebhakhowudi, bunokuqinisekiswa linani leeseshoni zesikolo/zeziko lokubhalela iimviwo eziya kubhalwa ngokwethayimthebhili evunyiweyo.

5. Ziyacelwa iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo ke ngoko ukuba bazalise le fom yoku-odola izinto zokubhala iqhotyoshelweyo ungadlulanga owe-**31 Agasti 2021** yaye mayibuyiselwe ku-Mnu Abraham du Plessis ngokuyithumela nge-imeyili kulo: Abraham.DuPlessis@westerncape.gov.za okanye ngefeksi apha: 086 667 2200.

6. Izinto zokubhala zeemviwo zizonke ze-*NSC* neze-*SC* zango-Oktobha/Novemba 2021 ziya kusiwa kwiveki ye-**18 ukuya kwi–22 Oktobha 2021**.

7. Bakuzifumana izinto zokubhala, iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo mabazitshekishe yaye mabaqinisekise ngoko nangoko ukuba bazifumene izinto zokubhala ezaneleyo (ngokwento nganye) ukulungiselela lonke ithuba lokubhalwa kweemviwo ngokwethayimthebhili evunyiweyo.

8. Inqununu/umphathi weziko lokubhalela iimviwo makasayine ilisti eyi-*control list* yezinto zokubhala ukuqinisekisa ukuba kufunyenwe izinto zokubhala ezaneleyo yaye

mayithunyelwe ngoko nangoko nge-imeyili kulo: Abraham.DuPlessis@westerncape.gov.za okanye ngefeksi apha: 086 6672 200.

9. Ngokukhawuleza emva kokufunyanwa kwezinto zokubhala, inqununu/umphathi weziko lokubhalela iimviwo makazigcine kwisefu/kwigumbi elinqatyisweyo lesikolo/leziko lokubhalela iimviwo kude kuqaliswe iimviwo ze-*NSC* neze-*SC* zango-Oktobha/Novemba 2021 ngowe-01 Novemba 2021.

10. Kufunwa le ngcaciso ilandelayo ukwenzela ukuba kubalwe ngokuchanekileyo izinto eziyimfuneko zokubhala iimviwo ngesikolo ngasinye/ngeziko lokubhalela iimviwo ngalinye:
    a) Ithayimthebhili yokugqibela ebonisa iiseshoni zoviwo.
    b) Ukuchaza iiseshoni isikolo/iziko lokubhalela iimviwo eziya kuba nabaviwa kuzo.
    c) Izisongelo ezibrawuni (*brown wrappers*) mazibalwe njengesisongelo esinye ngemakhishithi nganye. Ngabaviwa abangamashumi amathathu (30) abakwimakhishithi.
    d) lingxowa ezinemitya eluhlaza (*green strips)* mazibalwe njengengxowa enye ngezikriphthi eziyi-90 (iibhetshi ezintathu zezikriphthi eziyi-30).
    e) lingxowa ezinemitya ebomvu *(red strips*) mazibalwe njengeengxowa ezimbini ngeveki.
    f) lingxowa ezimhlophe mazibalwe njengengxowa enye ngengxowa i-*Smartlock bag* emnyama epakishwe ngokuzeleyo. Inani leengxowa ii-*Smartlock bags* zinokumiselwa linani labaviwa ngeseshoni njengoko kuchaziwe kumhlathi 4.4.
    g) Amaphetshana okuthunyelwa kweepasile nelebhile nezitikha zokulandelela ipasile ezinebhakhowudi makabalwe ngokwenani leeseshoni eziya kubhalwa sisikolo/liziko lokubhalela iimviwo.

11. Ukunenzelela lula, uxwebhu olungumzekelo wokuba zibalwa njani na izinto zokubhala zesikolo/zeziko lokubhalela iimviwo luqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo B.**

12. Ziyakhunjuzwa iinqununu/abaphathi bamaziko ukuba izinto zokubhala zeemviwo zeprakhtikhali ze-*Computer Applications Technology* ne-*Information Technology,* ziya kuhanjiswa namaphepha emibuzo.

13. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuzandisa izinto zokubhala ukuzilungelelanisa nabaviwa babucala nabaviwa be-*SC* abaya kubhala nabo kumaziko athile.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-08-13